Isifundo 6

**1–7 Meyi*

Imbewu Ka-Abraham

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:

Hez. 16:8; Dut. 28:1, 15; Yer. 11:8; Gen. 6:5; Yohane 10:27, 28; Gal. 3:26–29; Roma 4:16, 17.

Indima Yenkumbulo:

"Ke nina nisisizukulwana esinyuliweyo, isibingeleli esibukumkani, uhlanga olungcwele, abantu abayinqobo, ukuze nivakalise isidima salowo wanibizayo ukuba niphume ebumnyameni, ningene ekukhanyeni kwakhe okungummangaliso" *(1 Petros 2:9)*.

Kwidolophu encinane, iwotshi esefestileni yothengisi ziwotshi yema ngenye imini ngomkhono phambi kwentsimbi yethoba. Abaninzi kubemi babexhomekeke kule wotshi ngexesha. Ngale ntsasa iyodwa, oosomashishini abangoomama nootata, babeyithi krwaqu nje ifestile baphawule ukuba kuse yimizuzu eli-15 ngaphambi kweyethoba abantwana abaya esikolweni bamangala ukufumanisa ukuba basenexesha elininzi lokujikeleza. Abantu abaninzi bafika kade ngaloo ntsasa kwiindawo zabo ngenxa yewotshi encinane ekwifestile yevenkile yomthengisi ziwotshi emileyo."—C. L. Paddock, God's Minutes (Nashville, TN: Southern Publishing Association, 1965), p. 244, adapted. Indlela ekuchaneke ngayo ukubekwa kokumelwa kokusilela kukaIsrayeli wakudala! UYehova wambeka uIsrayeli "esazulwini sezizwe" (Hez. 5:5)—kumhlaba ofanelekileyo wokuwela phakathi kwamazwekazi amathathu (iAfrica, iYurophu, neAsiya). Babeza kuba "yiwotshi" yasemoyeni yehlabathi. UIsrayeli, phofu, njengewotshi kwifestile yevenkile, ngandlel' ithile, wema. Kanti ke, kwakungekuko ukusilela mpela; kuba ngoko, njenganamhlanje, uThixo unamasalela waKhe athembekileyo. Isifundo sethu sale veki siqwalasela ekufaneni nakwinxaxheba kaIsrayeli wenyaniso kweli xesha, kuquka owethu. Iveki Ngokuyithi Tshazi: Zithini izithembiso zomnqophiso awazenzayo uYehova noIsrayeli? Zeziphi iimeko abeza nazo? Sahlala kakuhle kangakanani isizwe kwezo zithembiso? Yintoni eyenzekayo bakungathobeli?

**Funda isifundo sale veki ulungiselele iSabatha kaMeyi 8.*

Cawa

2 Meyi

“Kunabantu Bonke . . . .”

“Ngokuba ningabantu abangcwele kuYehova uThixo wakho; uninyule uYehova uThixo wakho, ukuba nibe ngabantu abayinqobo kuye, kunabantu bonke abaphezu komhlaba” (Dut. 7:6). Akukho kuthandabuza ngako: UYehova ngokukodwa wanyula abantu bamaHebhere ukuba babe ngabameli baKhe abayinqobo phezu komhlaba. Igama eliguqulwe “nqobo” kwindima engasentla, usegulah, linokuthetha “impahla enexabiso” okanye “indyebo engaqhelekanga.” Indawo ebalulekileyo yokukhunjulwa, nayo, yeyokuba olu nyulo, ngokupheleleyo, lwalusisenzo sikaThixo, isiboniso sobabalo lwaKhe. Akukho nto yafunyanwa kubantu ngokwabo eyenza ukuba balufanele olu lubabalo. Yayingenako ukubakho, kuba ubabalo yinto eza ingafanelwanga.

Funda: Hezekile 16:8. Kusinceda njani oku ukuba sikwazi ukuchaza ukumnyula kukaYehova uIsrayeli?

“Kwakutheni ukuze uIsrayeli anyulwe nguYarhWe? Yinto le eyayingenako ukuhlolisiswa. Wayeliqela labantu elincinane elingenayo inkcubeko enkulu okanye ephakamileyo. Wayengenazo iimpawu ezikhethekileyo zobuntu ezazinokwenza ukuba kwenziwe unyulo olunjalo. Ukunyula kwakusisenzo sikaThixo yedwa. . . . Isizathu sokugqibela soko kunyula sasilele kwimfihlakalo yothando lukaThixo. Kanti ke, inyaniso yeyokuba uThixo waya Wamthanda uIsrayeli waza wamnyula, ngaloo ndlela uhlonipha isithembiso saKhe kooyise. . . . Wanyulwa ngenxa yobuhle bokuthandwa kwakhe nguYehova. Wayekhululwe ebukhobokeni eYiputa ngokubonakalaliswa kwamandla kaYehova, kwaye makabambe nje kube kanye ezi nyaniso zinkulu aze aqonde ukuba ngokwenene wayengabantu abangcwele nabayinqobo. Konke ke ngoko, kwelabo icala, ukukekelela ekuwuyekeni umgangatho onendili enjalo, kwakuya kufanele ukukhalinyelwa ngendlela engathethekiyo.”—J. A. Thompson, *Duteronomi* (London: Inter-Varsity Press, 1974), amaph. 130, 131. Ngokwecebo lezulu, amaIsrayeli ayeza kuba kuko kokubini, uhlanga lobukumkani nohlanga lobubingeleli. Kwihlabathi elikhohlakeleyo babeza kuba ngookumkani, ngokwasekuziphatheni nangokwasemoyeni, kuba babeza koyisa ubukumkani besono (IsiTyh. 20:6). Njengababingeleli, babeza kusondela kuYehova ngomthandazo, ngendumiso, nombingelelo. Njengabameli phakathi kukaThixo neentlanga, babeza kusebenza njengabafundisi, abashumayeli, nabaprofeti, babe yimizekelo yokuphila okungcwele—abacacisi benkolo yenyaniso yeZulu.

Khangela kwisaci sendima yanamhlanje, apho uYhova athi babeza kuba “ngaphezu kwabo bonke abantu . . . bomhlaba.” Xa ucinga nako konke okufundiswe nguLizwi ngobuhle bokuthobeka nengozi yekratshi, ucinga ukuba ithetha ntoni la ndima? Zeziphi iindlela ekwakufuneka babe “ngaphezu” kwabo bonke abantu? Ingaba kufuneka siyisebenzise le ngcamango kuthi, njengebandla, nathi? Ukuba kunjalo, njani?

Mvulo

3 Meyi

Ukunikana Ngomhlaba (Gen. 35:12)

Isithembiso sokuba ilizwe liya kunikwa abantu bakaThixo, uIsrayeli, saba sesokuqala ukunikwa Abraham saza emva koko saphindwa kuIsake, nakuYakobi. Amazwi kaYosefu esekhukweni lokufa asiphinda esi sithembiso (Gen. 50:24). UThixo wamxelela uAbraham, phofu, ukuba "amakhulu amanye eminyaka" yayiya kudlula phambi kokuba imbewu ka-Abraham ilithabathe ilizwe (Gen. 15:13, 16). Ukuzaliseka kwesithembiso kwaqala ngemihla kaMoses noYoshuwa. UMoses wawuphinda umyalelo kaThixo: "Khangelani, ndinimisele ilizwe phambi kwenu. Ngenani, nilithabathe libe lelenu elo lizwe" (Dut. 1:8, RSV).

Funda: uDuteronomi 28:1, 15. Kuthethwa ngantoni kanye kula mazwi? Ngokufutshane, ilizwe laliza kunikelwa kubo njengenxalenye yomnqophiso. Umnqophiso ubhekise nakokufuneka kwenziwe. Yintoni ekwakufuneka yenziwe nguIsryeli?

Indawo yokuqala yeDuteronomi 28 yandlala iintsikelelo ezaziya kufunyanwa nguIsrayeli xa athe walandela intando kaThixo. Enye indawo yesahuko iphethe iziqalekiso ezaziya kubafikela xa bengakwenzanga oko. Ezi ziqalekiso "ngokukhulu, nangona kungekho ngokupheleleyo, zabakho ngokunikwa kwesono umhlaba wokusebenza iziphumo zaso ezibi. . . . 'Lowo uhlwayela eyakhe inyama, wovuna ukonakala ngokwasenyameni' (Gal. 6:8). Njengamanzi athi, akuyekwa, abaleke ade afike kwindawo apho anokuma khona; njengewotshi, ethi xa iyekiwe, ingayeki ukuhamba ide ibe ifike apho iphelelwa khona; njengomthi, othi wakuyekwa ukhule, ungakwazi kwenza ngakumbi ngaphandle kokuba iveze iziqhamo zawo ezifanelekileyo;–ngokunjalo nesono sinendawo esiyifunayo, ugqatso ekufuneka silubalekile, isiqhamo ekufuneka sisivuthiswe, saye 'isiphelo sazo zonke izinto kukufa' (Roma [6:]21)."–*The Pulpit Commentary: Duteronomi,* H. D. M. Spence and Joseph S. Exell, eds. (Peabody, MA: Hendrickson Publishers, 1890), vol. 3, p. 439. Sele zikho zonke izithembiso zezwe, ezo zithembiso zazingenameko zixhomekeke kuyo. Zabakho ziyinxalenye yomnqophiso. UIsrayeli kwakufuneka ezalise eyakhe indawo kwisivumelwano; ukuba akunjalo, izithembiso zazinokucinywa. UYehova wakubeka kwacaca, ngaphezu kwakanye, ukuba, xa baye abathobela, ilizwe liya kuhluthwa kubo. Funda uLevitikus 26:27–33. Kunzima ukuyicinga indlela uYehova awayenothi awacacise ngokuphandle ngayo amazwi waKhe.

SingamaKristu, silindele ukuzuza nokugcina amazwe esithembiso—izulu nomhlaba owenziwe wamtsha. Athenjiswa, kanye njengeZwe leDinga lasemhlabeni kumaHebhere. Umahluko, phofu, ngowokuba ngako nje sifike apho, alikho ithuba lokuba siphulukane nawo (Dan. 7:18). Kwangelo xesha linye, zikho iimeko kuthi zokuba sibe lapho. Uziqonda ngokuba zithini ezi meko, ngakumbi kumxholo wokusindiswa ngokholo kuphela?

Lwesibini

4 Meyi

UIsrayeli Nomnqophiso

“Ke abevanga, abayithobanga indlebe yabo; bahamba elowo ngobungqola bentliziyo yakhe enobubi. Ndesuka ke ndazisa phezu kwabo onke amazwi alo mnqophiso, ndabawisela umthetho ngawo, ukuba bawenze; abawenza” (Yer. 11:8). Qwalasela le ndima ingentla. UYehova uthi uya kuwazisa phezu kwabo “wonke amazwi alo mnqophiso.” Kanti ke, uthetha ngento embi! Nangona sikholisa ukucinga ngomnqophiso njengozisa kuthi okulungileyo kuphela, likho nelinye icala. Lo mthetho-siseko wabonakala kuNowa. UThixo wamnika uNowa into entle kakhulu—ukumkhusela kwintshabalalo, kodwa uNowa kwafuneka ukuba athobele ukuze azizuze iintsikelelo zobabalo lukaThixo. Ukuba wayengazange akwenze oko, elinye icala lomnqophiso laliza kulandela.

Thelekisa indima engentla noGenesis 6:5, ngokubhekislele kwilizwe laphambi kukaNogumbe. Yintoni ehambelanayo? Zithini ezi ndima ngokubaluleka kokuba thina sizilawule iingcinga zethu?

Ngelishwa, imbali yesizwe sakwaIsrayeli ixesha elikhulu, yaba yeyokuphindaphindwa komfanekiso wokreqo, okwakulandelwa zizohlwayo zikaThixo, inguquko, nexesha lokuthobela. Kwaba lixesha elincinane kuphela, phantsi kukaDavide noSolomon, abathi banolawulo olupheleleyo kummandla wesithembiso. Khangela ezi ndima kuYeremiya ngokubhekiselele kukreqo lukaIsrayeli. “Kuthiwa, Ukuba ithe indoda yamgxotha umkayo, wemka kuyo, waba ngowandoda yimbi, inokumbuyela na? Alingebi lihlanjelwe na elo lizwe? Wena ke uhenyuzile nezithandane ezininzi; unokubuyela na ke kum? utsho uYehova. . . . Inyaniso, njengoko umfazi atshinizayo kuwabo, nitshinizile ngokunjalo kum, nina ndlu kaIsrayeli; utsho uYehova.” (Yer. 3:1, 20).

Oku kuzisa into ebike yachukunyiswa ngaphambili: umnqophiso awufunayo uThixo nathi ongeyiyo into nje esisivumelwano somthetho esibandayo esenziwa phakathi kwabantu boshishino abafuna ukuzizuzela eyona ndawo ityebileyo kwisivumelwano eso. Ulwalamano lomnqophiso lukukuzinikela, okuqiniseke nokungcwele njengomtshato, nto leyo eyenza uYehova asebenzise lo mfanekiselo awenzayo.

Kutheni le nto icala lolwalamano lomntu ubuqu libalulekile kangaka ebomini bomKristu? Kutheni le nto, ukuba ulwalamano lwethu noThixo alulunganga, sikekelela ekuweni esonweni nasekungathobelini? Kwakhona, ungaphendula uthini kumntu obuza umbuzo othi: “Ndingenza njani ukuphuhlisa ulwalamano olunzulo nolunothando noThixo?”

Lwesithathu

5 Meyi

Amasalela

Nangona uIsrayeli wayephinda-phinda umjikelezo wokreqo, lithemba eli.

Isa. 4:3_____

Mika 4:6, 7 _____

Efes 3:12, 13 _____

Nangona icebo likaThixo ngoIsrayeli laloniwe kukungathobeli, alizange lidane kuphele. Phakathi kokhula, kubakho iintyatyambo ezisakhulayo. Abaprofeti abaninzi beTestamente eNdala bathetha ngala masalela athembekileyo, athe uThixo wawabuthela kuYe njengeentyatyambo ezibukekayo. Injongo kaThixo yokudala nokugcina amasalela athembekileyo yayinye naleyo yayinjalo kuye wonke uIsrayeli—ukubasebenzisa njengezixhobo zaKhe ezinyulwe lizulu ukuba bavakalise "ubuqaqawuli bam ezintlangeni" (Isa. 66:19). Ngale ndlela, abanye babeya kuhlangana nabo bathembekileyo" (Zek. 14:16). Ngoko ke, nokuba yayibambi kangakanani imeko, uThixo wasoloko enabantu abathembekileyo ababesithi, nangona kukho ukreqo phakathi kwabantu abanyuliweyo bakaThixo, bona bakugcine okwabo ukubizwa nokunyulwa kuqinisekile (2 Pet. 1:10). Ngokufutshane, nokuba kuyintoni ukusilela kwesizwe siphela, babesekho abo bazama ukugcina, kangangoko banako, eyabo indawo emnqophisweni (bona, umzekelo, u-1 Kumkani 19:14–18). Kanti ke, nangoba bava ubunzima nesizwe sabo Sisonke (njengokbhaca kwizwe labo), ekugqibeleni nasekupheleni komnqophiso, isithembiso siya kuba sesabo, eso sibubomi obungunaphakade.

Funda: Yohane 10:27, 28. Uthini apha uYesu? Sebenzisa la mazwi waKhe, nezithembiso ezikuwo, kwimeko engokukreqa kukaIsrayeli wakudala. Anceda njani la mazwi ukuchaza ubukho bamasalela athembekileyo?

_____

_____

_____

Kwiminyaka embalwa eyadlulayo, intwazana eselula yayeka inkolo yayo yobuKristu ngokupheleleyo, kakhulu ngokuba yatyhafiswa sisono, ukreqo, nobuhanahanisi eyabubona ebandleni eyayikulo. "Abo bantu babengengawo amaKristu ngenene," yatsho, ikusebenzisa oko ukuzithethelela ngokushiya kwayo yonke into. Ngokwakhela impendulo yakho kwimithetho-siseko yesifundo sanamhlanje, phendula lo mbuzo: kutheni le nto isizathu sayo singavakali?

Lwesine

6 Meyi

UIsrayeli Wasemoyeni

Nokuba zazinjani iimpazamo nokusilela kukaIsrayeli, uYehova wayengagqibanga ngecebo lokudala abantu abathembekileyo ukuba bamkhonze. Eyona nto yeyokuba, iTestamente eNdala yayikhangele phambili kwixesha uYehova wayeza kudala uIsrayeli wasemoyeni, umzimba othembekileyo wamakholwa, amaYuda neeNtlanga, ababeza kuqhubeka nomsebenzi wokushumayela iindaba ezilungileyo emhlabeni. Namkelekile kwibandla lokuqala.

Funda: Galatians 3:26–29.
1. Sithini isithembiso athetha ngaso uPawulos kwindima yama-29?

---

2. Sithini isiqalelo esisisitshixo esimenza umntu abe yindlalifa yezi zithembiso? (Gal. 3:26).

---

3. Kutheni uPawulos elulahla phantsi ucalulo lwesini, ubuzwe nomgangatho wasekuhlaleni?

---

4. Kuthetha ukuthini ukuba "banye kuKristu"?

Njengonyana ka-Abraham, uKristu, ngendlela eyodwa, waba yindlalifa yezithembiso zomnqophiso. Ngokubhaptizwa, sizuza ukwalamana noKristu kanti kwangaYe sizuza ilungelo lokuxhamla kwizithembiso ezenziwa kuAbraaham. Ngoko ke, konke uThixo awakuthembisayo kuyafumaneka kuKristu, kwaye izithembiso zithi zibe zezethu, kungengabuzwe, uhlanga, okanye isini kodwa ngobabalo, uThixo asenzela lona ngokholo. "Isipho esanikwa uAbraham asaneli kuba lilizwe laseKanan, kodwa ngumhlaba wonke uphela. Uthi ngoko umpostile, "Ukumbeka ngedinga uAbraham, nokuba yimbewu yakhe, lokuba yindlalifa yalo ihlabathi, bekungengamthetho; bekungabo nobulungisa bokholo." Roma 4:13. IBhayibhile ifundisa ngokucacileyo ukuba amadinga awenziwa kuAbraham aya kuzalisekiswa ngoKristu. . . . [Abakholwayo baba] ziindlalifa '[ze]lifa elingenakonakala, elingenakudyobheka, elingenakuguga' 1 Petros 1:4]--umhlaba ongenaso isiqalekiso sesono."—Ellen G. White, *Amanyange Nabaprofeti*, iph. 170. Esi sithembiso siya kuzaliseka emehlweni xa abangcwele bephila kumhlaba omtsha ngonaphakade kanaphakade noKristu (Dan. 7:27).

Lwesihlanu *7 Meyi*

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, “Isidiliya sikaYehova,” amaph. 15–22; “Ithemba Labahedeni,” amaph. 367–378; ne“Indlu KaIsrayeli,” amaph. 703–721, in Abaprofeti Nookumkani. “Akukho kwahluka ngabuzwe, ngabuhlanga, okanye ngenkolo, okuqatshelwa nguThixo. UnguMenzi wabo bonke abantu. Bonke abantu ngabosapho olunye ngokudalwa, kwaye bonke banye ngokuthengwa. UKristu weza kudiliza udonga lokwahlula, ukuvula genge onke amagumbi eentendelezo zetempile, ukuze wonke umphefumlo ube nokufikelela ngokukhululekileyo kuThixo. Uthando lwaKhe lubanzi kakhulu, luphelele kakhulu, kangangokuba lugqobhoza lungene kuyo yonke indawo. Lususa impembelelo kaSathana kwabo bebefudula belahlekiswe zinkohliso zakhe, lubabeke apho banokufikelela lula kwitrone kaThixo, trone leyo irhangqwe ngumnyama wesithembiso. KuKristu akukho mYuda namGrike, okhonkxiweyo nokhululekileyo.”—Ellen G. White, *Abaprofeti Nookumkani,* amaph. 369, 370. Funda u-1 Petros 2:9, 10 ukuba ufumane izihlonipho ezine uPetros azisebenzisa ebandleni. Ezininzi kuzo ziboniswe kwiindima zeTestamente eNdala ezibhekisa kuIsrayeli: Eksodus 19:6 noIsaya 43:20. Isihlonipho ngasinye sicinezela ntoni kulwalamano lwebandla noThixo? (Umzekelo, esithi “uhlanga olunyuliweyo” sicinezela inyaniso yokuba uThixo walinyula ibandla waye enesiphelo salo esiqinisekileyo.)

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. KuIsrayeli wakudala, ababingeleli babesenza imibingelelo yezilwanyana eyayisalatha kuMesiya. Amalungu esibingeleli esibukumkani, loluphi uhlobo “lwemibingelelo” alwenzayo njengamalungu ebandla (1 Pet. 2:5).

2. UThixo wambeka bucala uIsrayeli ehlabathini njengesizwe esingcwele. Noko ke, babeza kwabelana nehlabathi ngeenyaniso ezisindisayo. Kukwanjalo nangebandla namhlanje. Kunokwenzeka njani ukuba bucala ehlabathini kodwa kwangelo xesha linye libe kwimeko yokwabelana nehlabathi ngeendaba ezilungileyo? Amava kaIsrayeli nomzekelo kaYesu asinceda njani ukuphendula lo mbuzo?

3. UThixo wayesoloko ezigcinele amasalela kuIsrayeli wakudala. Cinga ngoEliya namasalela awayekho ngexesha lakhe (1 Kumkani 19; qaphela ngakumbi indima ye-18). Kutheni le nto kukholisa ukuba lula ukunyaniseka kuThixo naphakathi kwabantu behlabathi kunaphakathi kwamalungu ahlehlileyo ebandla lakhe umntu?

Isishwankathelo: UIsrayeli onyanisekileyo kaThixo (nokuba kungaphambi okanye emva komnqamlezo) nguIsrayeli wokholo, abantu abaphila naYe kulwalamano lomnqophiso wasemoyeni. Abo basebenza njengabameli baKhe, behambisa iindaba ezilungileyo zobabalo lwaKhe olusindisayo.